



Inombolo yefayili: 20/3/P
Isalathiso: 20240726-5492

INGcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo: 0013/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kuBafundi, kuBaqquzeleli beeMvavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeeMviwo, nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

ISihloko: IiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (National Senior Certificate) (NSC) zangoNovemba 2024: Ukuzaliswa kweerekhodishithi neemakhishithi zezifundo ze-School-based Assessment (SBA), eze-Practical Assessment Tasks (PATs) neze-Orali yoLwimi (Language Oral)

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0007/2024, yomhla we-10 Apreli 2024, eyanika ingcaciso ngemilinganiselo yamanqaku ezifundo (*subject weightings*) ehlaziyiweyo enxulumene neProgram yoVavanyo (*Programme of Assessment (POA)*) ukulungiselela iCandelo le-*Further Education and Training band*).
2. Ootitshala bezifundo mabazalise iirekhodishithi zezifundo zeBakala 12 kwikhompyutha (*electronic subject record sheets*) ukulungiselela bonke abafundi abasisigxina nabafundi abangesosigxina (*full-time and part-time learners*) nezifumanekayo ukwenzela ukuba zikotshelwe (*download*) kwisistim i-CEMIS. linkqubo zokungqiniswa kweeshedyuli (*schedule verifications*) zeBakala 12, eyokuqala neyesibini apho kwakucelwe izilungiso zezifundo zizikolo, zaqhutywa ngoMatshi nangoJuni 2024, ngokulandelelanayo. **Kubalukile ukuba zikotshelwe kwakhona (redownload) iirekhodishithi zezifundo ezenziwe izilungiso kwi-CEMIS emva kokungqiniswa kweeshedyuli kwesibini, nokuqinisekisa ukuba kusetyenziswa i-Data text file yeBakala 12 (Grade12_Data text file) xa kuveliswa (generating) iirekhodishithi zezifundo ezintsha.**

3. Ukuba kwenziwe naluphi na utshintsho lwesifundo kwiishedyuli zeBakala 12 yaye lwasayinelwa yinqununu, isikolo **masikopele kwakhona (redownload) iirekhodishithi zezifundo neefayili zedatha** kwizifundo ezichaphazelekayo (amanqaku akhoyo anokukhutshelwa (*imported*)).
4. **lirekhodishithi zezifundo ezikwikhompyutha (Electronic subject record sheets)**
- 4.1 Le nkqubo ilandelayo mayilandelwe xa kukotshelwa, yaye kuveliswa (*generating*) iirekhodishithi zezifundo (**kungabandakanywanga iirekhodishithi zezifundo ze-Independent Examination Board (IEB) neemviwo zepraktikhali**) kunye nokuzaliswa kweenguqulelo ezikwikhompyutha ukwenzela ukungeniswa kwamanqaku e-SBA, e-PAT nawe-Orali yoLwimi.
- 4.1.1 lirekhodishithi zezifundo zeBakala 12 neefayili zedatha zikwisistim i-CEMIS phantsi kwe-**Menu: Reports → Recording Sheets → Grade 12 Download**. (makujongwe kwi-**Grade 12 Help file** efumaneka kwisistim kwi-CEMIS). Kucelwa niqinisekise ukuba i-**Data text file yeBakala 12 (Grade12_Data text file)** ekhutshelweyo **ayinazibiyeli** kwigama lefayili.
- 4.1.2 Zisakuba zikotshelwe zonke iifayili zezifundo neefayili zedatha yaye kwaveliswa neerekhodishithi zezifundo, zinokwenziwa zifumaneke kootitshala ukulungiselela ukufakwa kwamanqaku kwisistim.
- 4.2 **Ukufakwa kwamanqaku kwiirekhodishithi zezifundo**
- 4.2.1 Kwenziwe iirekhodishithi zezifundo zango-2024 (inguqulelo 1) zeBakala 12 ukungqinelana neSetyhula S4 yeSebe leMfundo esiSiseko, yomhla we-14 Matshi 2024,
- 4.2.2 Amanqaku abo bonke abafundi abasisigxina nabafundi abangesosigxina mawafakwe yaye akotshelwe (*captured and uploaded.*)
- 4.3 **Ukurekhoda ii-indicators ukwenzela amanqaku angekafakwa e-SBA, e-PAT nawe-Orali yoLwimi**
- 4.3.1 Amanqaku okanye i-indicator **makafakwe kumfundi ngamnye ogama lakhe livelayo kwirekhodishithi yesifundo.**
- 4.3.2 lirekhodishithi zezifundo zeBakala 12 zilungiselela **ukungabikho esikolweni ngokusemthethweni nangokungekho mthethweni (valid and invalid absenteeism)**. Ukungqinisiswa kwedatha kuya kuqinisekisa ukuba kuphela ngamanqaku aphakathi ko-zero ("0) namanqaku angawona maninzi avumelekileyo. Ukuba akukho manqaku, ezi khathegori zidweliswe apha ngezantsi, njengeko zifanelekile zinako ukufakwa.

Makufakwe kwikhompyutha	Makuboniswe	Isizathu
a okanye u-ab	A: Abs	Ngako nakuphi na ukungabikho esikolweni komfundi ngesizathu esibambekayo (<i>Abs. Valid</i>)
u-e okanye u-exit	A: Exit	Ngomfundi okhutshwe kwiincwadi zesikolo ngokusemthethweni/okhutshwe kwi-CEMIS
u-n okanye u-new	A: New	Ngomfundi omtsha obhalisiweyo ongenawo nawaphi amanqaku angaphambili
u-x okanye u-X	X: Abs	Ngako nakuphi na ukungabikho esikolweni komfundi ngaphandle kwesizathu esibambekayo (<i>Abs. Invalid</i>)
u-i okanye u-irr	X: Irr	Ukuba amanqaku abanjiwe ngenxa yesitenxo (<i>irregularity</i>)

4.3.3 Kwiimeko apho kufakwe ukungabikho esikolweni ngesizathu esibambekayo (**A: Abs**) ekhomyutheni, kuya kubalwa ngokuzenzekelayo amanqaku e-SBA, e-PAT okanye awe-Orali yoLwimi.

4.3.4 Apho kufakwe ukungabikho esikolweni ngokungekho mthethweni (*invalid absence*) (**X: Abs**) ekhomyutheni, umfundi uya kunikwa u-zero ("0") ukulungiselela loo msebenzi (oku kuquka nemeko apho kufakwe u-**X: Irr** kwikhompyutha).

4.3.5 Apho umfundi avelayo kwirekhodishithi yezifundo, kodwa abe ekhutshwe kwiincwadi zesikolo ngokusemthethweni, makufakwe kwikhompyutha u-**A: Exit** kuyo yonke imisebenzi eshiyekileyo. Isiphumo siya kubonisa u-**Exit** kwirekhodishithi yezifundo ukulungiselela olu didi. Izikolo mazingenise ubungqina bokuba umfundi ukhutshiwe kwiincwadi zesikolo ungadlulanga **owama-20 Septemba 2024**.

4.4. **Abafundi abangaveliyo kwiirekhodishithi zezifundo**

4.4.1 **Zonke izilungiso zezifundo ziya kuthathwa njengezitenxo.** Makufakwe kwikhompyutha u-**A: Exit** ngayo yonke imisebenzi yesifundo esingafundwayo ngumfundi yaye kungeniswe inkcazelo yezizathu ezibubungqina (iripoti yesikolo yeBakala 11 okanye yeKota 1 yeBakala 12) kunye nefom **yesiHlomelo A** ezalisiweyo. (eqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane) Makuthathelwe ingqalelo ukuba isigqibo sokugqibela esimalunga neziphumo zomfundi siya kuthathwa yiNtloko yeSebe leMfundo.

4.4.2 Inkqubo yokuzaliswa ngesandla **kwesiHlomelo A** iya kusebenza kuzo ZONKE iimeko ezikolu didi. Iifom **yesiHlomelo A** namaxwebhu abubungqina ohamba naso, mazingeniswe kumcebisi ngezifundo.

- 4.4.3 Iifom **zesiHlomelo A** aziyi kwamkelwa liCandelo loLawulo lweeMviwo ngaphandle kokuba zisayinwe ngutitshala, yinqununu nangumcebisi ngezifundo.
- 4.4.4 Abaququzeleli bovavanyo neemviwo mabaqinisekise ukuba iifom **zesiHlomelo A** ezizalisiweyo zifika kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ungalulanga owama-**25 Oktobha 2024**.
- 4.5 **Ukungeniswa kwedatha yekhompuyutha: Inkqubo yokufakwa ngekompuyutha kwamanqaku okugqibela e-SBA, e-PAT nawe-Orali yoLwimi**
- 4.5.1 Makuveliswe i-Export text file ngerekhodishithi yesifundo nganye asakuba efakwe kwikhompuyutha **ONKE** amanqaku e-SBA, e-PAT nawe-Orali yoLwimi ebakala liphela. Kuphela **yi-export file ENYE** equlethe amanqaku ayo yonke imisebenzi yovavanyo emiselweyo (*formal assessment tasks*) ekuya kufuneka ikotshelwe kwikhompuyutha. I-text file iya kuba kwi-“Export” subfolder apho kwakulo location kuseyivwe kuyo ifayili.
- 4.5.2 Ii-export text files zesifundo ngasinye mazikotshelwe (*uploaded*). Inqununu iya kuqinisekisa ukukotshelwa **nokusayinelwa ngokwahlukeneyo kweerekhodishithi zezifundo ukwenzela ii-SBA ne-PAT/ne-Orali yoLwimi** ngokuqala kungenwe kwi-CEMIS (ukukotshelwa okunye, kodwa ukusayinelwa kabini apho kufanelekileyo).
- 4.5.3 Abaququzeleli bovavanyo neemviwo nabacebisi ngezifundo mababeke esweni ukuthotyelwa kokuzaliswa kweerekhodishithi zezifundo ngokuqala kungenwe kwiingxelo ii-*EduInfoSearch reports*.
- 4.5.4 Isikolo masigcine iikopi zekhompuyutha zeerekhodishithi zezifundo eziku-Excel ukwenzela iinjongo zokuphicothwa kweencwadi.
- 4.6 **Inkqubo yekhompuyutha yokufaka amanqaku amodareyithiweyo e-SBA, e-PAT nawe-Orali yoLwimi**
- 4.6.1 Yakuba igqityiwe inkqubo yokumodareyitha ngumcebisi ngezifundo, amanqaku amodareyithiweyo okugqibela aya kufakwa ngumcebisi ngezifundo, ngokuqala kungenwe kwi-*EduInfoSearch*.
- 4.6.2 Akuba umcebisi ngezifundo ewafakile amanqaku amodareyithiweyo yaye wawasayinela kwinkqubo, akukho kufakwa kwamanqaku kukokunye kuya kuvunyelwa kwizikolo.
- 4.6.3 Isikolo siya kubanako ukujonga kwakhona amanqaku okugqibela e-SBA/e-PAT/e-Orali yoLwimi namanqaku amodareyithiweyo kwisifundo ngasinye ngokuqala kungenwe kwi-CEMIS.
5. **Iimakhishithi eziprintiweyo zezifundo ze-IEB nezifundo ezineemviwo zepraktikhali**

- 5.1 Izifundo ezilawulwa ngokwemigaqo ye-IEB nezifundo ezinoviwo lwepraktikhali aziyi kuba nayo irekhodishithi ekwikhompyutha yesifundo efumanekayo ukwenzela ukuba ikotshelwe ngo-2024. Ezi zifundo ziya kulawulwa kusetyenziswa inkqubo yeemakhishithi ezingamaphepha (*hard copy*) eziprintiweyo.
- 5.2 Iimakhishithi eziprintiweyo zezifundo ze-IEB ziya kusiwa ezikolweni ungadlulanga umhla **wama-20 Septemba 2024**.
- 5.3 Iimakhishithi eziprintiweyo zeemviwo zepraktikhali (*performance element*) kwezi zifundo zilandelayo ziya kuthunyelwa ezikolweni kodwa ziya kusiwa ngqo kubacwangcisi bekharityhulam abakhulu kwaNdlunkulu:
- *Dance Studies*
 - *Design*
 - *Dramatic Arts*
 - *Visual Arts*
 - *Music*
- 5.4 **Ukufunyanwa kweemakhishithi eziprintiweyo**
- 5.4.1 Zisakuba zifunyenwe iimakhishithi zeekopi eziprintiweyo, iinqununu maziqinisekise ukuba zifunyenwe zonke iimakhishithi zezifundo ezifunekayo kwizikolo zazo, ekubhalwe kuzo abafundi ngesifundo ngasinye.
- 5.4.2 Kuphela yikopi enye yemakhishithi eprintiweyo ekuya kubonelelwa ngayo ukuba mayizaliswe.
- 5.4.3 Izikolo kufuneka ziqinisekise ukuba iimakhishithi eziprintiweyo ziyazaliswa yaye zenziwe zifumaneke kubacebisi ngezifundo ngosuku lokumodareyithwa kwazo. Ootitshala bezifundo mabazalise kuphela **amanqaku angamodareyithwayo** kwikholam ebhalwe "Mark".
- 5.4.4 Kuya kubasemva kokumodareyithwa kokuphela konyaka kwesifundo ngasinye kuphela, apho kuya kukhutshelwa amanqaku amodareyithiweyo ngokuchanekileyo kwikholam ebhalwe "Mod" kwimakhishithi ye-SBA ngabacebisi ngezifundo. Kubalulekile kakhulu ukuba ikopi zeemakhishithi zenziwe sisikolo nangabacebisi ngezifundo emva kokumodareyithwa yaye mazigcinwe esikolweni nakwi-ofisi yesithili ukwenzela iinjongo zeerekhodi.
- 5.4.5 Ukuba isikolo sifumana kuphela iimakhishithi eziprintiweyo emva kokuba igqityiwe inkqubo yokumodareyithwa kwazo, makwenziwe amalungiselelo ayimfuneko nabacebisi ngezifundo ukulungiselela ukuzaliswa nokusayinelwa kwiimakhishithi.
- 5.4.6 **Kufuneka kufakwe** amanqaku kumfundi ngamnye onombolo yoviwo yakhe ivelayo kwimakhishithi.

6. Amanqaku angafakwanga e-SBA, e-PAT nawe-Orali yoLwimi (abafundi abebengekho nabo bangenamanqaku e-SBA, e-PAT nawe-Orali yoLwimi)

6.1 Ukuba apha enyakeni, umfundi akayifakanga **ikhomponenti enye okanye ezingaphezulu ze-SBA, ze-PAT** okanye eze-Orali yoLwimi, yaye kunikwe **izizathu ezibambekayo** zoko, umfundi makanikwe elinye ithuba lokuvavanywa kumsebenzi/kwimisebenzi ayinikiweyo okanye makangenise umsebenzi ongafakwanga ungalulanga owe-**11 Oktobha 2024**.

6.2 **“Isizathu esibambekayo”** kule meko siquka oku kulandelayo:

- Ukugula, okuxhaswa liphepha likagqirha elisemthethweni, esikhutshwe ligosa lezonyango elibhalisiweyo (*registered medical practitioner*);
- Izizathu ezikhatshwa luvelwano lobuntu, ezinjengokusweleka kwelungu losapho elisondeleyo kumfundi okuxhaswa sisatifikethi sokusweleka.
- Abafundi abaya kuvela enkundleni yamatyala, okuxhaswa bubungqina obubhaliweyo; okanye
- Nasiphi na esinye izizathu esinokwamkelwa njengesizathu esisemthethweni yintloko yovavanyo okanye ngummeli wayo.

6.3 Makugxininiswe oku kulandelayo malunga nokuzaliswa kweerekhodishithi neemakhishithi eziprintiweyo zezifundo

6.3.1 Apho umfundi engazange agqibe **nayiphi na imisebenzi kwaphela**, kodwa enike **izizathu ezibambekayo**, makanikwe ubungqina besizathu esibambekayo (besizathu ezibambekayo) kubacebisi ngezifundo kwiseshoni yokumodareyitha yaye **makubandakanywe** nobungqina bendlela aqhuba ngayo umfundi ngethuba leseshoni yokumodareyitha.

6.3.2 Okuthethwa kukungabikho kwabafundi ngenxa yesizathu esibambekayo

- Abafundi baya kufumana **isiphumo esingaphelelanga** nkqu nokuba bawabhalile amanye amaphepha ezifundo.
- Abafundi baya kunikwa **kude kube ngowe-15 Matshi 2025** ukuba bangenise amanqaku eSBA kunye/okanye awePAT/awe-Orali yoLwimi. Ezi ziphumo mazingeniswe ngabacebisi ngezifundo kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ungalulanga owama-**31 Matshi 2025**. Ukungawangenisi amanqaku angafakwanga eSBA, ePAT kunye/okanye nawe-Orali yoLwimi lingadlulanga ixesha elisikiweyo kuya kuba nesiphumo sokuba umfundi asiphinde **isifundo siphela**.

7. Umsebenzi oluxanduva lweenqununu

7.1 Iinqununu maziqinisekise ukuba bonke abafundi abasisigxina nabo bangesosigxina be-NSC ababhaliswe kwizikolo zabo bawanikiwe amanqaku afunekayo e-SBA, e-PAT nawe-Orali yoLwimi.

7.2 Iinqununu zinoxanduva lokongamela ukuphunyezwa kwe-POA, ukuqinisekiswa komgangatho wazo zonke ii-formal assessment tasks kwakunye nokungeniswa kokugqibela kwamanqaku.

8. **Umsebenzi oluxanduva lwabacebisi ngezifundo malunga nokumodareyithwa kweerekhodishithi neemakhishithi eziprintiweyo zezifundo.**

Abacebisi ngezifundo bathwele uxanduva ngokupheleleyo loku:

- inkqubo yokumodareyithwa kwekhomponenti ye-SBA, ye-PAT neye-Orali yoLwimi;
- ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwale nkqubo yokumodareyitha;
- ukugqitywa kokuzaliswa kwamanqaku amodareyithiweyo akwikhompyutha;
- iimakhishithi eziprintiweyo (i-IEB nezifundo ezidweliswe ku-5.3); kunye
- nawo nawaphi na amaqaku angafakwanga.

9. **Umhla wokugqitywa kwenkqubo**

Abaququzeleli bovavanyo neemviwo mabaqinisekise ukuba zigqityiwe **ungadlulanga owe-01 Novemba 2024**, iinkqubo zokungeniswa kwikhompyutha nangeekopi eziprintiweyo kwamanqaku eSBA, e-PAT/nawe-Orali yoLwimi.

10. Kucelwa iinqununu ukuba zinike zonke iintloko zezifundo/abaququzeleli nootitshala beBakala 12, ikopi yale ngcaciso imfutshane.

ISAYINWE: BJ LORISTON

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2024-08-02